

# ISICWANGCISO SENKQUBO UKUYA KOWAMA-2014

Ngokubhekise Ekuphumezeni Kokuhanjwa  
Kwesikolo ngowama-2025

## ISIXHOSA



**basic education**

Department:  
Basic Education  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# Ukuhamba isikolo 2025: Umbono

Oku kulandelayo kuqulathe okubonisa ukuba ISebe elinguNdoqo lezeMfundo (DBE) lithanda ukuba liya kuba liphi ngonyaka we-2025:



## ABAFUNDI...

Mabafike esikolweni ngexesha, yonke Imihla yaye mabawuthathele ingqalelo umsebenzi wabo wesikolo bazimisele. Bayakwazi ukufikelela kwiihkompyutha, ukutya okulungileyo, kwakunye nakwezemidlalo kunye neentshukumo zenkcubeko. Banoxibelelwano olubonisa Imbeko kubahlobo babo kunye nabafundisi-ntsapho abaxhomekeke kubo.

## ABAFUNDISI-NTSAPHO...

Bazithembile, baqeqesheke ngokugqibeleleyo yaye bayaqhubeka baphucula izakhono zabo ezibonisa oko banokwenza. Bazibophelele ekunikeni abafundi eyona mfundo igqibeleleyo abanokubanika yona, ngokwenza njalo banegalelo ekuphuculeni isizwe.. Bonwabela ulwaneliseko lomsebenzi kuba iimeko zeenkonzobasebenza phantsi kwazo ziphucukile kwakunye nemivuzo yabo xa uyithelekisa neminye imisebenzi enoqeqesho.

## IINQUNUNU ZEZIKOLO...

Baqinisekisa ukuba ukufundiswa kwabantwana kuyenzeka njengoko kumele, ngokwekharityulam yesizwe. Kusetyenziswa ubunkokheli obububo, bakhuthaza imvisiswano, ubuchule kunye nemigaqo eyamkelekileyo ekumele uyilandele emsebenzini yonke loo nto isenzeka kusapho lwasesikolweni nangaphandle.

## ABAZALI...

Bazi yonke into eqhubekayo esikolweni yaye bafumana iingxelo rhoqo ngenkqubo yabantwana babo kuthelkiswa nemigangatho ethe gca elandelwa kusabelwana ngayo zizo zonke izikolo. Bayazi ukuba bayamanyelwa yaye naziphi na iinkxalabo abanazo ziyakusonjululwa ngabaphetheyo bezemfundo kuwo onke amanqanaba.

## IZIXHOBO ZOKUFUNDA NOKUFUNDISWA...

Zininzi yaye zezenqanaba eliphezulu. Abafundi nabafundisi-ntsapho bayakwazi ukusebenzisa iihkompyutha esikolweni ukuze bafikelele kulwazi abalufunayo.

## IZAKHIWO ZESIKOLO KUNYE NEZIXHOBO EZISETYENZISWAYO...

Zithe gabalala, ziyasebenziseka, zikhuselekile yaye zigcineke kakuhle. Abafundi kunye nabafundisi-ntsapho banakekela izakhiwo kunye nezixhobo ezisetyenziswayo kuba bayazingca ngesikolo sabo.

# Isicwangciso senkqubo ukuya ku 2014

Esi sicwangciso senkqubo yindlela yeSebe elinguNdoqo lezeMfundo (DBE) yokuqinisa zonke iindawo ezibuthathaka kwezemfundo ezaye zachongwa njengezifuna ilnXaso. Yaye yaveliswa ngokuhambelana nesiCwangciso Esimele ukusebenza Sesizwe sikaMongameli sowama-2009 yaye sifumana umkhombandlela kumqulu osisikhokhelo othi, Ukuphuculwa Kwendlela uRhulumente asebenza ngayo: *Inkqubo Yethu (Improving Government Performance: Our Approach)*.

Ngokuphucula indlela ekusetyenzwa ngayo kwezi ndawo zibaluliweyo, abafundi baya kuxhamla kowona mgangatho ophezulu wezemfundo. Isizwe ngokubanzi naso siya kuxhamla, njengoko abanezidanga abanezakhono ezingcono kunye namazinga olwazi bengena kumaziko emfundo aphakamileyo nakwiindawo zomsebenzi.

Lo mqulu ushwankathela esi Sicwangciso seNkqubo, izinto ezingenziwa ukuphucula izinto ezilindelekileyo, kwakunye nantoni na enokwenziwa nguye nawuphi na ummi weli lizwe ongumntu nje ukunika igalelo kwindlela engcono yokufunda.

## IINJONGO ZETHUTYANA, IIMBONO ZETHUBA ELIDE

Isicwangciso seNkqubo sibeka zicace iinjongo ezakube zisetyenzwa yinkqubo yeezemfundo yesizwe ezijoliswe kuyo kwaneendlela zokufumana ezi njongo ngowama-2014. La ngamanqanaba okuqala ukufumana iinjongo ezinkulu, nezexesha elide zezinga eliphezulu lezemfundo ezikolweni ngowama-2025. Lo mbono ubizwa ngokuba, Ukuhamba isikolo 2025.

## ELOWO NALOWO UNENDAWO AMAKAYIDLALE

Kangangoko kunako, Isicwangciso seNkqubo sibonisa kumntu ngamnye othatha inxaxheba kwinkqubo ukuba zeziphi iintshukumo umntu lowo othatha inxaxheba amakangene kuzo ukuze azuze injongo nganye kwesi sicwangciso. Futhi loo nto iphinde icacise iindlela apho abo bangaphandle kwinkqubo yezemfundo ezingathi bazisebenzise ukunika izixhobo zokufunda okanye ubuchwepheshe bokuxhasa ezi njongo.

## IINJONGO EZICACILEYO, INDLELA YOKWENZA IZINTO ENOKUTSHINTSWA.

Isicwangciso seNkqubo sidwelisa iinjongo ezili 13 emaziphunyelelwe, ezihambelana nokufunda nokubhaliswa. Ukongeza, sidwelisa iindawo ezili-14 kwezemfundoezifuna ukuba ziphuculwe ukuze kufikelelwe kwezi njongo. ISebe lezeMfundo elinguNdoqo, noxa kunjalo alixeleli bantu ukuba yintoni kanye le ekufuneka bayenze ukuphumelela kwezi njongo. Indlela ke kukuba kwamkelwe iqondo elithile lokuvumela isimoukuze izikolo kunye nabasingqongileyo beze nezicwangciso ezifanelana kanye neemeko abazifumana bekuzo.

## UKUKALA INKQUBELA : UKUHLOLWA KWESIZWE KONYAKA: (ANA)

Ngonyaka ngamnye, bonke abafundi baya kubhala iimvavanyo zesizwe ngamalwimi( ulwimi lwasekhaya, kunye nolwimi lokuqala olongezelelweyo) kunye nezibalo ukuphela konyaka. Injongo kukufumana isikali esiza kusetyenziswa jikelele apha elizweni esingenamkhethe ukuze kukwazi ukuba kujongwe kukalwe amanqanaba empumelelo kumabanga aphantsi ekufundeni nakwizibalo, ukuze impumelelo ikwazi ukuba ivavanywe ngokuchanekileyo kuze kuqulunqwe iindlela zokungenelelaezifanelekileyo ukunika uncedo apho uncedo longezelekileyo lufuneka khona.

Ootitshala baya kukorekisha ezi mvavanyo zikumgangatho omnye ngokwemiyalelo enikezwa liSebe elinguNdoqo lezeMfundo.

Abazali baya kufumana iziphumo ze- ANA kumakhadi engxelo onyaka abantwana ukuphela konyaka. Amaqumrhu Alawula Izikolo (SGB's) aya kufumana ingxelo yezithili jikelele, eya kuthi kwabelwane ngayo nabanye abazali apho esikolweni, ukuze bakwazi ukuthelekisa iziphumo zabo ze-ANA kunye nezezinye izikolo apho kwisithili.

Injongo yokuba kuvezwe iziphumo kuluntu lonke ayikokwenyelisa izikolo okanye kwenziwa la nngqondo yokuba "abaphumeleleyo" okanye "abangaphumelelanga", koko okungenani ukunika izikolo nabazali besikolo eso utshuphe wokuba iziphumo zabo zihamba njani xa uzithelekisa nezezinye izikolo kwisithili eso.

Ngonyaka wama-2011, iimvavanyo Zokuhlolwa kweSizwe Ngonyaka kuzo zonke iilwimi nezibalo ziza kuqalwa kubafundi bebanga lethoba (Grade 9).

# Iinjongo ZesiCwangciso Senqkubo

Isicwangciso Senqkubo siqulethe iinjongo ezingama-27.



## IINJONGO EZILINDELEKILEYO EZIZIPHUMO EZIJONGE KUMANQANABA ASEMGANGATHWENI ALINDELEKILEYO NGOBUNCINANE

**Injongo ye-1.** Makonyuswe inani labafundi abikwibanga lesi-3 abathe ekupheleni konyaka, babe bagqwesile okuncinane ekukwazini ukufunda nokubhala kunye nokubala ukuze baye kwibanga lesi-3. Ngokovavanyo luka-2009 olubonisa abasele bekwazi abantwana: Xa kuthelelelwa ama-48% (okufunda nokubhala) kunye nama-43 (ukubala); ekujongwe ukuba ifumaneki ngowama-2014: ngama-60% kwezi zifundo zozibini.

**Injongo ye-2.** Makonyuswe inani labafundi abikwibanga lesi-6 abathe ekupheleni konyaka, babe bagqwesile okuncinane ekukwazini ukufunda nokubhala kunye nokubala ukuze baye kwibanga lesi-6. Ngokovavanyo luka-2009 abasele bekwazi abantwana: Xa kuthelelelwa ama-37% (okufunda nokubhala) kunye nama-19% (ukubala); ekujongwe ukuba ifumaneki ngowama-2014: ngama-60% kwezi zifundo zozibini.

**Injongo ye-3.** Makonyuswe inani labafundi abakwibanga lesi-9 abathe ekupheleni konyaka, babe bagqwesile okuncinane ekukwazini ukufunda nokubhala kunye nokubala ukuze baye kwibanga lesi-9. Ukuvavanya abasele bekwazi abafundi nokujonga ekumelwe kufunyanwe kuya kuthi kujongwe emva kweemvavanyo zesizwe zonyaka zika -2010.

**Injongo ye-4.** Makonyuswe inani labafundi abikwibanga le-12 abathe babe bafanelekile ukuba bangenele inkqubo yemfundo enomsila iBA eyunivesithi. Ukuvavanya abasele bekwazi abafundi kuka-2009 baseline: Kumalunga ne- 110 000; 2014 okulindelekileyo li: 175 000.

**Injongo ye-5.** Makonyuswe inani labafundi abikwibanga le-12 abaphumelele izibalo. Ukuvavanya abasele bekwazi abafundi kuka-2009 baseline: Kumalunga ne-125 000; 2014 okulindelekileyo li: 180 000.

**Injongo ye-6.** Makonyuswe inani labafundi abikwibanga le-12 abaphumelele ezobunjingalwazi (physical science.) Ukuvavanya abasele bekwazi abafundi kuka-2009: Kumalunga ne 120 000; okulindelekileyo ngo-2014 li: 170 000.

## IINJONGO ZEZIPHUMO EZILINDELEKILEYO EZIJONGE EKUPHUCULENI IZIPHUMO EZIPHAKATHI

**Injongo ye-7.** Makuphuculwe ukusebenza okungumyinge ophakathi kwabafundi bebanga lesi-6 kwiilwimi.

**Injongo ye-8.** Makuphuculwe ukusebenza okungumyinge ophakathi kwabafundi bebanga lesi-6 kwizibalo.

**Injongo ye-9.** Makuphuculwe ukusebenza okungumyinge ophakathi kwabafundi bebanga lesi-8 kwizibalo.

“ linjongo ukusukela ku-1 ukuya kwi-13  
zizongene neziphumo esifuna ukuzifumana  
ezihambelana nokufunda nenani  
labantwana abathathiweyo kwelo banga.

”

#### **IINJONGO ZEZIPHUMO EZILINDELEKILEYO EZIJONGE INDLELA YOKUFUMANA/ YOKUNGENA KUNYE NOKUDLULELA KWIBANGA ELILANDELAYO**

**Injongo ye-10.** Makuqinisekiswa ukuba bonke abantwana bahlala beqhubeka bebhaliwe esikolweni ubuncinane de kube nyaka bagqiba ngawo i-15 leminyaka. Ukuvavanya abasele bekwazi abafundi kuka-2008: ngama- 97.4%; okulindelekileyo ngo-2014: ngama- 99%

**Injongo ye-11.** Makuphuculwe ukufumana imfundo esemgangathweni Yokwakhiwa Kwabantwana Abasebancinane (ECD) abangaphantsi kwebanga loku-1. Isikhombisi soku-1 (Umyinge abafundi bebanga loku- 1 abafundi abafumene uqeqesho kwimfundo esikolweni kwibanga uR): Ukuvavanya abasele bekwazi abafundi kuka-2008: ngama 51%; okulindelekileyo ngo-2014: ngama- : 80%,Kodwa li- 100% ukuba ngaba Ukwakhiwa Kwabantwana Abasebancinane (ECD) okungafunyanwa kwiziko lokuqeqesha kubandakanyiwe. Isikhombisi sesi 2: Umlinganiselo wabantwana ababhaliselwa ukungena esikolweni wabantwana abaminyaka iphakathi kwe- 0 ukuya kwemi- 5. Ukuvavanya abasele bekwazi abafundi kuka-2008: ngama 25%; okulindelekileyo ngo-2014: ngama- :37%

**Injongo ye-12.** Makuphuculwe ukudluliselwa kwelinye ibanga kwabafundi ukusuka kwibanga loku-1 ukuya kwelesi-9 ngokwezigaba zalapha esikolweni. Isikhombisi soku-1: Umyinge ekhulwini wabantwana ababudala buyiminyaka eli-9, abagqibe ibanga lesi-3. Ukuvavanya abasele bekwazi abafundi kuka-2008: ngama 59%; okulindelekileyo ngo-2014: ngama:65% Isikhombisi sesi 2: Umyinge ekhulwini wabantwana ababudala buyiminyaka eli-12, abagqibe ibanga lesi-6: Ukuvavanya abasele bekwazi abafundi kuka-2008: ngama 46%; okulindelekileyo ngo-2014: ngama- : 52%

**Injongo ye-13.** Makuphuculwe indlela yokungena kolutsha Kumaziko Emfundo Ephakamileyo (FET) nangaphaya kwebanga le- 9. Isikhombisi soku- 1: Umyinge ekhulwini wolutsha olufumene Isiqinisekiso Sokuphumelela Samabanga Aphezulu Selizwe (NSC).Ukuvavanya abasele bekwazi abafundi kuka-2008: ngama 40%; okulindelekileyo ngo-2014: ngama-: 50% Isikhombisi sesi 2: Umyinge ekhulwini wolutsha olufumene Isiqinisekiso Sokuphumelela Semfundo Ephakamileyo. Ukuvavanya abasele bekwazi abafundi kuka-2008: ngama 41%; okulindelekileyo ngo-2014: ngama-: 65%

## linjongo ZesiCwangciso Senqkubo...



### ABAFUNDISI-NTSAPHO

**Injongo ye-14.** Mabatsale iqela elitsha labafundisi-ntsapho abasebancinane, abanomdla yaye abaqeqeshwe ngendlela efanelekileyo ukuba bangene kulo msebenzi wobutitshala unyaka nonyaka.

**Injongo ye-15.** Mabaqinisekise ukuba ukufumaneka nokusetyenziswa kwabafundisi-ntsapho makwenziwe kukhusele kangako amanani aphezulu agqithisileyo abafundi emagumbini okufundela angabikho.

**Injongo ye-16.** Mabaphucule lo msebenzi wobutitshala, izakhono zokufundisa, ulwazi ngesifundo kunye nokukwazi ukusebenzisa ikhompuyutha kwabafundisi-ntsapho ngalo lonke ixesha besafundisa.

**Injongo ye-17.** Mabalwele igquba labafundisi-ntsapho elinempilo eliza knowabela ulwaneliseko emsebenzini.

**Injongo ye-18.** Mabaqinisekise ukuba abafundi bazivelela iinkalo zonke iintloko zezinto emakuthethwe ngazo kunye nazakhono kwiindawo ekufuneka befikelele kuzo kulo nyaka besesikolweni.

### IZINTO EZISETYENZISWA NGABAFUNDI UKUFUNDA

**Injongo ye-19.** Mabaqinisekise ukuba umfundi ngamnye uyakwazi ukufikelela kubuncinane beencwadi ekumele bazisebenzise ezichaziweyo kunye neencwadi zokusebenzela ezifunekayo ngokuhambelana nomgaqo wesizwe.

**Injongo ye-20.** Mabanyuse ukukwazi ukufikelela kwabafundi kuluhlu olubanzi lwezinto ezibonwayo nezo ziviwayo, kuquka iikhompuyutha, eziza kutyebisa imfundo yabo.

### UKUPHUCULWA KWESIKOLO SISONKE JIKELELE

**Injongo ye-21.** Mabaqinisekise ukuba linkqubo ezingundoqo zolawulo lonyaka ziyaqhubeka kuzo zonke izikolo elizweni ngendlela apha enegalelo kubume besikolo obusebenzayo.

**Injongo ye-22.** Mabaphucule intsebenziswano phakathi kwabazali noluntu ngokubanzi kulawulo lwezikolo, ngokuthi nje kuphuculwe ukukwazi ukufumana iinkcukacha okanye ulwazi kusetyenziswa iSicwangciso SeMfundo esiza nge intanethi ( i-e-Education Strategy).

“ Injongo ukusukela ku-14 ukuya ku-27 zijongene neendlela zokufumana iinjongo zokunikezelweyo ezili-13. ”

## INTLAWULO YOKUFUNDA

**Injongo ye-23.** Mabaqinisekise ukuba zonke izikolo ubuncinane ziyaxhaswa ngemali ngobuncinane umfundi ngamnye ngokwamanqanaba abakuwo abekiweyo jikelele nokuba le mali isetyenziswa ngokuthe gca nangendlela eyiyo.

## IMIBHOBHO YAMANZI, NELINDLE NOMBANE ZESIKOLO KUNYE NEENKONZO ZENKXASO.

**Injongo ye-24.** Mabaqinisekise ukuba le mibhobho yamanzi nelindle kunye neyombane kwakunye nokungqonge isikolo ngasinye kuyavuselela kwaye kunika umdla kubafundi ukuba beze esikolweni bafunde: nokuba abafundisi-ntsapho bafundise.

**Injongo ye-25.** Makusetyenziswe izikolo njengeenqwelo zokukhuthaza indlela yokungena kwizintlu zeenkonziso zikawonke-wonke phakathi kwabafundi kwiindawo ezifana nezempilo, iindlela zokunciphisa intlupheko, inkxaso yezomphefumlo nezentlalo, ezenkcubeko nemidlalo.

**Injongo ye-26.** Mabandise Inani lezikolo ezisebenzisa Inkqubo Yokwamkela Bonke abafundi kungajongwanga ubume babo, yaye bekwazi ukungena kuwo onke amaziko anikezela ngeenkonziso ezikhethekileyo.

**Injongo ye-27.** Mabaphucule isingqi kunye nomgangatho weenkonziso zokujonga zixhase ezinikezelwa zii-ofisi zesithili ezikolweni, kwelinye icala kusetyenziswa ngcono iSicwangciso SeMfundo esiza nge intanethi. (e-Education).

**ISEBE ELINGUNDOQO LEZEMFUNDO (DBE) LIQULUNQE ISICWANGCISO SENKQUBO ESIPHELELEYO  
UKUPHUCULA UMGANGATHO WEMFUNDO KWIZIKOLO ZETHU ZIKAWONKE-WONKE.**

Esi Sicwangciso Senkqubo sowama- 2014 sele sixhamlile kubantu abathatha inxaxheba abaphambili kwezemfundo ekuthe kwathethwa-thethwana nabo, kuquka amasebe emfundo ephondo kunye nemibutho yabafundisi-ntsapho.

**Inkxaso yakho ekusetyenzisweni kwesi Sicwangciso Senkqubo yamkeleke kakhulu ekubeni kuyiwe phambili.**

**LO MQULU UFUMANEKA NGEELWIMI EZILISHUMI ELINANYE ZOMZANTSI AFRIKA:**

- English
- Afrikaans
- isiZulu
- isiXhosa
- Ndebele
- Sepedi
- Tsonga
- Setswana
- Sesotho
- Tshivenda
- Siswati

**<http://www.education.gov.za>**

**Call Centre: 0800 202933**